education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)
IPHEPHA LOKUQALA [UVIWO] (P1)

NOVEMBA 2007

IMEMORANDAM

Le imemorandam inamaphepha ama-6.

ICANDELO A

UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1

1.1.1 Ewe, ndiyavumelana ngokuba lisiko lakwaXhosa ukuba umfazi uthwala iqhiya, abhinqe isikhafu esinqeni. Ongavumelaniyo makanike isizathu. (2)

1.1.2
- Inyewe yobulawu ithethelwa ngasebuhlanti.
- Amakrwala ayalwa ebuhlanti.
- Inyama yesiko, nokuba yeyentonjane, umgidi okanye umtshato ixhelelwa ebuhlanti.
- Intloko yekhaya ingcwatywa nezinto zayo ebizisebenzisa, ezinje ngeengubo, inqawe necuba.
- Umendi uhambela kude nobuhlanti.
- Umfazi uthwala iqhiya entloko, abhinqe isikhafu esinqeni. (2)

(*Unika ibe nye)*

1.1.3
- Bafana ngokugcina isithethe sokuthethela imicimbi yekhaya ngasebuhlanti.
- Amakrwala xa ebuya endle aqala ebuhlanti, aye kuyalwa. (2)

1.1.4 Awukho umahluko kuba akukho nto yenzekayo ngokungangcwabeli exhantini. (2)

1.1.5 Ewe, ndiyakholelwa, kuba kwinto yonke amaXhosa ayixoxayo nayenzayo ayenzela ebuhlanti, injongo kukuba nabo abangasekhoyo bayive ingxoxo leyo. (2)

1.1.6 Umntu oqumbise iminyanya ulandelwa ngamashwa namashwangusha. (2)

1.1.7 Kufuneka uxhele igusha, ibhokhwe nokuba yinkomo. (1)

1.1.8 Iminyanya ngabantu abangasekhoyo./Izinyanya ngabantu abadala abaphilayo. (2)

[15]

UMBUZO 1.2

UMHLOMLO WESIBINI

1.2.1 Umlomo, unomathotholo (nayiphi impendulo yomofundi) kumaphephandaba baza kulifunda belibona. (3)

1.2.2 Oko kukuthi ukuba imali unayo yisebenzise ngendlela eza kuthi yenze ungenelwe yimali eninzi. (2)

1.2.3 {a} Nditsho ndaqonda, yasuka inkungu emehlweni.
{b} Ndimamele ngomdla. (2)

1.2.4 Kukwenza intengiso, ukugqithisa okubalulekileyo ngemveliso kubathengi. (2)

1.2.5 Ukusasaza iiflaya, thelevijhini, oonomathotholo, amaphepha-ndaba, neepowusta. (Nasiphi isibini) (2)

1.2.6 Xhungu – ukothuka
Gqaba-gqaba – ukwenza nje intetho emfutshane, unganabi
Qwenge – kwatsho kwacaca/ndatyhilelwa (Nasiphi kwezi) (2)

1.2.7 Ngabathengi, kuba unganento yonke kwishishini lakho, kodwa ukuba akunabo abathengi akunashishini. (2)
[15]

EWONKE AMANQAKU ECANDELO A: [30]

ICANDELO B

UMBUZO 2

ISISHWANKATHELO

- ukuphothwa kweenwele kwakusenziwa ngamathwasa
- isiphandla yinto ekunxibelelanisa neminyanya
- ukuqatywa kwenyongo nobulongo
- ukunqaba kweengcali zokusuka ufele
- ukubaluleka kokugcina ufele lwebhokhwe emva kokwenzelwa isiko
- ukubaluleka kofele
-

Oku abafundi kufuneka bakwenze ngemo yomhlathi, izimvo zihambelane, futhi bangadluli kumagama angama-70 (10)

EWONKE AMANQAKU ECANDELO B: [10]

ICANDELO C

UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 Isibizo esibonisa abantu/uluntu (2)

3.2 indawo (2)

3.3 ububele (2)

3.4 abantu (2)
[8]

UMBUZO 4

1. Lalisa iimbotyi emanzini
2. khama amanzi eembotyi
3. xuba isuphu nekhari namanzi
4. zibilise imizuzu emi-5
5. galela iimbotyi uzintyontyise eminy' imizuzu
6. yipheke nethowusti okanye irayisi, kungenjalo iitapile **[6]**

UMBUZO 5

1. isenzo esiqhubeka ngoku (1)
2. isenzo esenzekayo (1)
3. isenzo esesenzekileyo okanye esidlulileyo (1)
[3]

UMBUZO 6

Eli ziko losasazo kuSABC 7. Nazi iindaba zecala emva kwentsimbi yesixhenxe zifundwa nguZodidi Ntengiso.

Abantu bayacetyiswa ukuba ngomso ilanga liza kube likhuph'iintlanzi emanzini. Bonke abantwana mabahlale ngaphakathi kuba eli langa liyingozi. Bathengeleni ezi zinto zilandelayo abantwana: iziselo, inyama, amaqebengwana, iilekese njalo njalo. Umyalezo ophuma kwiSebe lezeMpilo uthi gqalani iingcebiso enizinikwe kwiikliniki zenu. Umzekelo: Musani ukubanxibisa shushu kakhulu abantwana.

Ziphela apho ezi ndaba. Ndiza kubuya nezinye, ngentsimbi yeshumi, oko kukuthi ezi zindaba zokugqibela. Nisale kakuhle kumagumbi okubhalela iimviwo. (7)

ICEBISO NGEMICRO X ECOKISAYO

6.2

6.2.1
- bala
- cebisa
- manzi
- thetho
- vasi

(5)

6.2.2 kamama - ilokhwe kamama ibiwe elucingweni esayinekile nasiphi isivakalisi samkelekile esibonisa isimnini
[Lo ngumzekelo nje. Abafundi baza kuza nezinye izimnini kwanezabo izivakalisi.] (1)

6.2.3 Musani ukuwubamba umthetho wokungasebenzisi le sepha. (2)
[8]

6.3

6.3.1 sibonisa ubungakanani (1)

6.3.2 esisadzedze/eligqabi (1)

6.3.3 ubunjani (1)
[3]

UMBUZO 7

7.1 kuthethwa into engcolileyo okanye into engacocekanga (1)
incangathi okanye iyonyanyeka bubumdaka (1)

7.2 Walunwebu – uyacotha okanye wenza kade (1)

7.3 umthambo – ukuqeqesha umzimba ngokuxhuma xhuma nokubaleka.
imithambo - imithambo le ihamba igazi (2)
[5]

EWONKE AMANQAKU ECANDELO C: 40

EWONKE AMANQAKU ELIPHEPHA: 80